XHOSA FIRST LANGUAGE HG PAPER 1

Inxalenye yabavavanywa iqhube kakuhle kweli phepha. Kuphumelele abafundi abamayela nama 91%, into ethetha ukuba umgangatho uye uphucuka minyaka le. Noko kunjalo kusekho ukukhwina kumbuzo okwicandelo legrama, kuba bamayela ne-5% abafundi abaqhube kakuhle kweli candelo. Iziseko zolwimi azaziwa, izichazi, izihlomelo, izibanjalo, izixando nako konke akwaziwa. La ngamanqaku abavavanywa abaphulukene nawo kakubi nje. Ukanti nombuzo wesi-6.1, 6.2, 6.3 awuphendulwanga ngokwanelisayo.

Iingcebiso zezokuba ootitshala bayeke ukuncamathela kundalashe, mabaphucule izakhono zokuhlola abafundi ngokuthi basebenzise iimagazini namaphephandaba xa befundisa ulwimi. Abacebisi mababeke umnwe ngokuncedisa ngoomasifundisane (*workshops*). Lihlazo into yokuba abantu abantetho isisiXhosa boyiswe kukuqaphela iziphene kulwimi lwabo.

Ootitshala xa bekwiindibano zabo zezikolo ezisebenzisanayo (*cluster schools*) mabawuqaphele umcimbi wolwimi ingakumbi kweli phepha. Mabazixhobise ngeendlela zokulivelela, bekwaxhobisana ukuze linike umdla kubafundi.

Aluxatyiswanga tu ulwimi lwesiXhosa ngabafundi, yaye oku ukuqaphela ngendlela umsebenzi wabo abawubhala ngayo, umdaka, urhixi-rhixi, uxinene. Loo nto ibonise ukuba benza nje uphelasonwabe.

Kumgaqo-nkqubo wesebe lemfundo kwezeelwimi, makubekho isibophelelo esinyanzelisa ukubhalwa kwegrama, ulwimi. Imisebenzi mayibe linani elithile ekuvunyenelweneyo ngalo. Kananjalo, makunyanzeliswe nokwenziwa kovavanyo lokuqonda kube kanye ngeveki, kuze kukhutshwe isishwankathelo kwakuso, abafundi bakhuthazwe ukuba basebenzise awabo amazwi.

Lilonke, ukuba le miba ikhankanywe apha ngentla ibinokuqwalaselwa, iziphumo zolwimi lwesiXhosa beziya kuba semagqabini.